- (11) *Uluhlu lweerhafu ezinciphayo olufakwe kwibhloko*: olu luhlu lweerhafu sisichasi soluhlu lweerhafu ezithambekayo olufakwe kwibhloko kwaye ziyehla xa inqanaba lokusebenzisa linyuka. Inyathelo lokuqala liyakubalwa ngokwahlula indleko ezinzileyo nequququkayo kunye nengeniso emiswe libhunga amaxesha ngamaxesha ngomthamo osetyenzisiweyo. Olu luhlu lweerhafu luyakusetyenziswa kuphela malunga nezivumelwano ezizodwa.
- (12) *Uluhlu lweerhafu zokulawula*: olu luhlu lweerhafu zilolo hlobo lolokulawula kuphela kwaye umasipala angafumana kwakhona yonke indleko okanye inxenye ehamba nokunikezelwa kwenkonzo.
- (13) *Uluhlu lweerhafu lexesha lokusebenzisa*: olu luhlu lweerhafu lusekelwe kwiintlawulo ezizinzileyo kunye nezamaxesha athile omnyaka kunye nakumandla ohlulwe ngamaxesha kunye neentlawulo zebango.
- (14) *Uluhlu lweerhafu zothutho lukawonke-wonke zisekelwe kungama ophakathi kweendawo ezimbini zokuphumla kuhambo olusekelwe kungama we -5 km zohambo olune- 15 km njengomgama osisiseko wohambo.*

## 8) **IZAKHIWO ZOLUHLU LWEERHAFU KUNYE NEENDLELA ZOKUBALA**

- (1) Ukubalwa koluhlu **lweerhafu zeenkonziso ezinkulu**
- a) **Ukuze kumiswe uluhlu lweerhafu** ekumele zihlawuliswe malunga nokunikezelwa kweenkonzo ezine ezinkulu (amanzi, umbane, ukususwa kwenkunkuma kunye nothungelwano lwemijelo phantsi komhlaba) umasipala uya kwalatha zonke iindleko zokusebenza zamashishini anxulumene noko, kuquka ngokukodwa la alandelayo:
- j) Indleko yeentengo ezisisambuku kwimeko yamanzi kunye nombane.
  - ii) Iindleko zokucoca (amanzi kunye nomjelo ophantsi komhlaba ohambisa amanzi amdaka edolophu)
  - iii) Iindleko zokusasaza.
  - iv) Iilahleko zokusasaza kwimeko yombane kunye namanzi.
  - v) Iindleko zokunciphisa ixabiso.
  - vi) Ukugcinwa kweziseko ezingundoqo kunye nezinye izinto zikamasipala ezingashukumayo.
  - vii) Iindleko zolawulo kunye nenkonzo kuquka:
    - a. iintlawulo zenkonzo ezirhafiswa ngamanye amasebe afana nelezemali, icandelo lezabasebenzi kunye neenkonziso zomthetho;
    - b. iindleko zokuqhuba ishishini jikelele ezisengqondweni, ezifana neendleko ezinxulumene kunye ne-ofisi yomphathi kamasipala;
    - c. iminikelo eyaneleyo kubonelelo lwamatyala amabi kunye nokungabisasetyenziswa kwempahla;
  - (dd) zonke ezinye iindleko zokusebenza eziqhelekileyo ezinxulumene nenkonzo malunga noko kuquka, kwimeko yeenkonzo zombane, indleko yokubonelela ngezibane zestrato kummandla kamasipala (qaphela: iindleko zenkqubo yolawulo lwesininzi kwamasipala – oko kukuthi, zonke iindleko ezinxulumene kunye nezakhiwo zepolitiki zikamasipala – ziya kwenza inxenye yeendleko ekumele zihlawulelwe ngeerhafu zepropati kunye neengeniso jikelele, kwaye aziyikuqukwa ekuxatyisweni kweenkonzo ezinkulu zikamasipala).

- (2) Intsalela efunwayo eza kwenziwa malunga nonyaka-mali, loo ntsalela ilolo hlobo kumele isebenze:
- (i) njengokubekelwe kwinkunzi egciniweyo; kunye/okanye
  - (ii) ngokubanzi kuncedo lweerhafu kunye neenkonziso jikelele.
- (3) indleko yamanyathelo oncedo lwabangathathi-ntweni avunyiweyo.
- (4) UMasipala uya kubonelela ngama-50kWh okuqala ombane ngenyanga kunye nange-6 kl yokuqala yamanzi ngenyanga ngaphandle kwentlawulo kubaxhasi ababhaliswe njengabangathathi-ntweni kamasipala ngokwenkqubo kamasipala yokunceda abangathathi-ntweni. UMasipala uyakuqwalasela ngaphezulu uncedo malunga noluhlu lweerhafu zothungelwano lwemijelo phantsi komhlaba kunye nokususwa kwenkunkuma malunga nabo bangathathi-ntweni babhalisiweyo kangangoko ibhunga licinga ukuba uncedo olulolo hlobo luyafikeleleka ngokohlahlo-lwabiwo-mali lonyaka ngamnye.
- (5) uluhlu lweerhafu zezixhobo zokulinganisa malunga nokuhlawulelwa kwangaphambili luyakuba nganeno kunoluhlu lweerhafu ezisetyenziswa ngokuqhelekileyo ezirhafiswa kudidi lwabasebenzisi abanxulumene noko.

Olu lwakhiwo loluhlu lweerhafu lulandelayo, luyakusetyenziswa ukumisa uluhlu lweerhafu apho kunokwenzeka:

## 9. AMANZI

### 3) Ulwakhiwo loluhlu lweerhafu

- a) lindleko ezizinzileyo kunye noluhlu lweerhafu ezifakwe kwibhloko ezinyukayo luza kusebenza kubo bonke abasebenzisi ngaphandle kwase:

- i) Zikolweni, likholeji kunye neTechnicon.
- ii) Kwamakhaya Abantwana.
- iii) libhodi zeMidlalo.
- iv) Amakhaya Abantu Abadala.
- v) Izakhiwo zikaMasipala.
- vi) lifama.

- b) Uluhlu lweerhafu ezifakwe kwibhloko ezinyukayo luyakusebenza:

- 0 – 6 kl
- >6 – 12 kl
- >12 – 30 kl
- >30-50 kl
- >50kl

- c) Ukuphunyezwa koluhlu lweerhafu zethuba lokuxakeka kuyakuxhomekeka kumphakamo wedama iGarden Route Dam kunye nanjengoko kumisiwe kuMgaqo-nkqubo wokuLawulwa kweMbalela.

### 4) Indlela yokubala:

- a) Abasebenzisi basemakhaya abasebenzisa nganeno kwe-6 kl ngenyanga bayakufumana amanzi asimahla.
- b) lindleko ezizinzileyo zenkonzo ziya kubaneendleko ezibonakaliswe ngolo hlobo libhunga.
- c) Inani labasebenzisi kunye nomthamo othelekelelwe njengosetyenzisiweyo ngodidi liyakusetyenziswa ukumisa uluhlu lweerhafu ezizinzileyo ngodidi.
- d) Apho iipropati zingadityaniswa kwinkonzo yamanzi kodwa zinokudityaniswa ngokusezingqondweni kwinkonzo uluhlu lweerhafu zokufumaneka luyakumelwa ukuhlawulwa. Khangela ku (ff) malunga nophuhliso lwabucala.

- e) Apho ibhunga ligqiba ukwenza ingeniso kwinkonzo ingeniso iyakongezwa kwindleko ezinzileyo kunye neguquguqakayo phambi kokuba uluhlu lweerhafu lubalwe.

9) **UMBANE**

3) Ulwakhiwo loluhlu lweerhafu

- a) Elona bango likhulu (KVA) noluhlu lweerhafu ezizinzileyo kunye neekWh ezisetyenzisiweyo.  
 b) Uluhlu lweerhafu ezizinzileyo kunye neekWh ezisetyenzisiweyo.  
 c) Uluhlu lweerhafu zeyunithi (iiKWh ezisetyenzisiweyo) (Izixhobo zokulinganisa zokuhlawulela kwangaphambili).

2) Indlela yokubala:

- a) Imigaqo ekhutshwa nguMlawuli woMbane weSizwe ngamanye amaxesha iya kwenza isiseko sokubala uluhlu lweerhafu.  
 b) Ukufumana kwakhona indleko yenkunzi yokunikezela umbane ngentlawulo ezinzileyo kuya kwenza umbane ungafikeleleki kubasebenzi abaninzi abawusebenzisa kancinci. Inkxaso enqamlezayo phakathi kweendidi zabasebenzisi iyakuvunyelwa ngokusekelwe kwizinto zomthwalo zodidi kunye nabasebenzisi phakathi kudidi. Iziquphu zeendleko ezizinzileyo ziyakufunywwa kwakhona ngentlawulo yamandla okanye yexesha lokusebenzisa. Ukusebenzisa le nqobo ikhankanywe ngentla, isiseko sokwabiwa kwendleko, amaqela eendleko, izinto zoluhlu lweerhafu kunye neendidi zoluhlu lweerhafu ezibonakaliswe kwezi theyibhuli zilandelayo ziyakusetyenziswa.

Amaqela eendleko	Iziseko zokwabiwa kweendleko ezisekelweyo		
	Iindleko zamandla: ezibonakaliswe njenge Randi/kVa/inyanga	Iindleko eziguquguqukayo: ezibonakaliswe njenge Senti/kWh	Iindleko ezithile zoMthengi: ezibonakaliswe njenge randi/umthengi/inyanga
<b>Iindleko yokuthenga</b>	X	X	
<b>Iindleko zenkunzi</b>	X	X	X
<b>Iindleko zenkxaso</b>	X		X

Iintlobo zoluhlu lweerhafu	Amalungu oluhlu lwamaxabiso			
	Intlawulo ezinzileyo (kwiirandi/umthengi/inyanga)	Intlawulo yombane (iisenti/kWh)	Intlawulo yexesha lokusebenzisa umbane ebonakaliswe (njengeesenti/kWh)	Intlawulo yamandla ebonakaliswe njenge (randi/kVa/inyanga)
<b>Uluhlu lweerhafu ezinesahlulo esinye serhafu yombane ezilungu linye (Uluhlu lweerhafu zokusindisa)</b>		X		
<b>Uluhlu lweerhafu ezinezahlulo ezimbini</b>	X	X		

Iintlobo zoluhlu lweerhafu	Amalungu oluhlu lwamaxabiso			
	Intlawulo ezinzileyo (kwiirandi/umthengi/inyanga)	Intlawulo yombane (iisenti/kWh)	Intlawulo yexesha lokusebenzisa umbane ebonakaliswe (njengeesenti/kWh)	Intlawulo yamandla ebonakaliswe njenge (randi/kVa/inyanga)
<b>Uluhlu lweerhafu ezinezahlulo ezimbini zexesha lokusebenzisa</b>	X		X	
<b>Uluhlu lweerhafu ezinezahlulo ezintathu</b>	X	X		X

3. Uluhlu lweerhafu ezinesahlulo esinye serhafu yombane elungu linye:

Malunga noluhlu lweerhafu ezinesahlulo esinye serhafu yombane elungu linye, zonke iindleko zibonakaliswa ngentlawulo yeesenti/kWh. Indlela ecetyiswayo malunga nokwabiwa kweendleko kolu luhlu lweerhafu imi ngolu hlobo:

- b) Indleko yeerandi/kVa/yenyanga kumele yabelwe kwintlawulo yeesenti/kWh ngokuqwalaselwa kwefekta ye-averaji yomthwalo weendidi zabathengi ekulindileke ukuba basebenzise uluhlu lweerhafu ezinesahlulo esinye serhafu yombane elungu linye.
- c) Indleko ezinzileyo yeerandi/umxhasi/yenyanga kumele yabelwe kwintlawulo yeesenti/kWh kanjalo kwaye yabelwe kwiindleko zeKWH zokuthenga ngendlela yokuqinisekisa ukuba kumgangatho wokusebenzisa wenyanga wama- 400 kWh, isixa esipheleleyo seendleko ezizinzileyo beziya kufunyanwa kwakhona ngentlawulo yeesenti/kWh.
- d) Iinqobo zokugweba malunga nokulungela ezizakubekwa kuluhlu lweerhafu ezinesahlulo esinye apho i-averaji yokusebenzisa inganeno kwama- 400kWh ngenyanga, zimi ngolu hlobo:
  - iii) Onke amakhaya achazwa njengamakhaya abasebenzisi abangathathi-ntweni ngokomgaqo-nkqubo webhunga wolawulo lwamatyala.
  - iv) Bonke abasebenzisi abalathwe njengabahlali besigxina kunye nabanelisa ezi nqobo zokugweba zilandelayo;
    - (dd) Abahlala malunga nexesha leenyanga ezilithoba (9) ngomnyaka kwindawo yokuhlala.
    - (ee) Umsebenzisi kumele angenise ifomu yengxelo efunyelweyo phambi koMfungisi malunga noku.
    - (ff) Ingxelo efunyelweyo entsha kumele inikezelwe ngomnyakomnye phambi komhla woku- 1 eyeKhala wonyaka-mali ngamnye ukuze uhlale kuluhlu lweerhafu ezinesahlulo esinye.

4. Uluhlu lweerhafu ezinezahlulo ezimbini:

- b) Intlawulo yeerandi/kVa/yenyanga kumele yabelwe kwintlawulo yeesenti/kWh ngokuqwalasela ifekta yeaveraji yomthwalo yeendidi zabathengi abalindeleke ukuba bakhethe uluhlu lweerhafu ezinezahlulo ezimbini. Le ntlawulo yabiweyo kwakhona kumele ngoko yongeziwe kwintlawulo yentengo yeKWH.

- c) Intlawulo yeerandi/yomthengi/yenyanga ayabelwa kwakhona kwezinye izinto ezifunekayo zoluhlu lweerhafu.
  - d) Uluhlu lweerhafu ngoko lunentlawulo yenyanga ezinzileyo nentlawulo eguququkayo enxulumene nokusetyenziswa kweKWH elinganiselweyo.
  - e) Oku kusebenza kuzo zonke izixhobo zokulinganisa zemali onayo zamakhaya eziqhelekileyo apho amakhaya aneaveraji yokusebenzisa enganeno kwama- 400kWh ngenyanga kunye nalapho amakhaya ahlelwa kwiindidi njengamakhaya angesosigxina kwaye engazanelisi iinqobo zokugweba ezinikezelwe kumhlathi c)(iii) ngentla.
- 5) Uluhlu lweerhafu lamaxesha okusebenzisa ahlulwe kabini:
- a) Intlawulo yeerandi/kVa/yenyanga kumele yabelwe kwakhona kwintlawulo zamaxesha okubenzisa ohlukeneyo eesenti/kWh ngokuqwalaselwa kwegophe lomthwalo lomthengi ngokunxulumene negophe lomthwalo lomnikezeli. Intlawulo ezabiweyo kwakhona ezilolo hlobo kumele ngoko zongezwe kwiintlawulo zokuthenga zekWh njengoko kufanelekile.
  - b) Intlawulo yeerandi/umthengi/yenyanga ayabiwanga kwakhona.
- 6) Uluhlu lweerhafu ezinezahlulo ezintathu:
- a) Intlawulo yeerandi/kVa ifumana kwakhona izinto ezifunekayo zendleko yenkunzi. Enye yale ndleko kumele yabelwe kwakhona kwizinto ezifunekayo zoluhlu lweerhafu ezahlukileyo.
  - b) Intlawulo yeesenti/kWh ngoko ifumana kwakhona iindleko eziguququkayo ezipheleleyo kunye nesiqephu seendleko ezabiweyo kwakhona zeerandi/kVa.
  - c) Intlawulo yeerandi/umthengi/yenyanga ayabiwanga kwakhona.
- 7) Uluhlu lweerhafu lwamaxesha okusebenzisa ahlulwe kathathu:
- a) Njengoluhlu lweerhafu zomgangatho ezahlulwe kathathu, isiqephu sentlawulo yeerandi/kVa/senyanga sabelwe kwakhona kwintlawulo ezahlukeneyo zamaxesha okusebenzisa eesenti/kWh. Isixa sokwabiwa kwakhona senziwa malunga nefekta yomthwalo womthengi. Ukuguququka kwamaxesha eendleko zamandla kuthathelwa ingqalelo kulwabiwo kwakhona lweendleko zeerandi/kVa kwiindleko zamaxesha okusebenzisa ohlukeneyo eesenti/kWh.
  - b) Intlawulo yeesenti/kWh ngoko ifumana kwakhona iindleko eziguququkayo ezipheleleyo kunye nesiqephu sentlawulo ezabiweyo kwakhona zeerandi/kVa.
  - c) Intlawulo yeerandi/umthengi/yenyanga ayabiwanga kwakhona.
- 8) Apho ibhunga ligqiba ukwenza ingeniso kwinkonzo ingeniso iyakongezwa kwindleko ezinzileyo kunye neguququkayo phambi kokuba uluhlu lweerhafu lubalwe.
- 9) Apho iipropati zingaqhagamshelwanga kwinkonzo yombane kodwa zinokuqhagamshelwa ngokusezingqondweni kwinkonzo uluhlu lweerhafu lokufumaneka luyakumela ukuhlawulwa. Uluhlu lweerhafu luyakubalwa ngokudibanisa intlawulo eyongeziweyo yama-50% kwiindleko ezinzileyo ezisebenzayo kubasebenzisi abaqhagamshelweyo ngokodidi.

## 10 UKUSUSWA KWENKUNKUMA

- 2) Ulwakhiwo loluhlu lweerhafu
- a) Iingxowa zeplastiki ngeveki (ubuninzi).
  - b) Izikhongozeli ngeveki (ubuninzi) (240 litre) (1,1m<sup>3</sup>).
  - c) Izikhongozeli zenkukuma zesambuku
  - d) Umthwalo wenqwelo yempahla <2000kg.
  - e) Umthwalo wenqwelo yempahla >2000kg.
- (2) Indlela yokubala:
- h) Iindleko ngeyunithi yomlinganiselo ziyakumiswa ngokwahlula iindleko zizonke zenkonzo ngobuninzi bonke benkunkuma elahlwayo ngexesha lomnyaka. Iindleko yenkonzo iyonke iquka iindleko yokususa kunye nendleko yokusebenza enxulumene nenkonzo. Intlawulo yeyunithi ngemeta ezinamacala amathandathu azizikwere eziilinganayo iyakuguqulelwa kwiindleko ngengxowa emnyama. Iindleko ngenyanga iyakubalwa malunga nabasebenzisi basekhaya ngokusekelwa kwiavareji yenani leengxowa ezisiswayo ngeveki.
  - i) Iindleko enxulumene nokususwa kwezikhongozeli sesambuku iyakumiswa ngokubala ukuba zingaphi iyunithi zokususwa ezizezona zincinci eziyakuthathwa sisikhongozeli esithile.
  - j) Imali yengqesho yenyanga malunga nokusetyenziswa kwesikhongozeli sesambuku iya kumiswa ngokwaphula ixabiso lentengo lesikhongozeli sesambuku ngaphaya kweminyaka emi- 5 ngeqondo lenzala elisebenzayo kwimali-mboleko kamasipala.
  - k) Emva kokuba ibhunga lithethathethane nabamnini okanye abahlali bamashishini orhwebo abangasebenzisi ngxowa zimnyama zisemgangathweni okanye zikhongozeli zomthwalo omkhulu, uluhlu lweerhafu luyakumiswa ngokusekelwe kubuninzi obuqikelelwayo obuyakususwa ngenyanga.
  - l) Imali engenayo ngokusetyenziswa kwesikhongozeli malunga nokususwa kanye ziyakubalwa ngokufumana kwakhona iindleko zobuninzi bomthwalo obususiweyo kunye nepersenti eyongeziweyo njengoko ibhunga liyakumisa.
  - m) Uluhlu lweerhafu zokususa inkunkuma luyakuphakanyiswa kwaye amele ukuhlawulwa ngabamnini okanye abahlali bepropati nganye ephuhlisiweyo eqhagamshelwe kuthungelwano lokusasaza amanzi nombane lwebhunga okanye nawuphina umnikezeli wenkonzo okanye abo benze isicelo sokuqhagamshelwa nokuba umnini okanye umhlali ololo hlobo uyayisebenzisa inkonzo yokususa inkunkuma okanye hayi okanye abo bangaqhagamshelwanga kuthungelwano lokusasaza apho inkonzo yokususa inkunkuma inganikezelwa ngesicelo.
  - n) Akukho luhlu lweerhafu zokususwa kwenkunkuma luyakuphakanyiswa apho ibhunga lingazisanga lazise inkonzo yokususa kwenkunkuma.

## 12) UMJELO OHAMBISA AMANZI AMDAKA EDOLOPHU WOKUCHITHWA KWAMATANKI OLONDOLOZO

- 1) Ulwakhiwo loluhlu lweerhafu:
- a) Inani amatanki okanye iindawo zokuchamela.
  - b) Umthamo weleri yokufunxa itanki.
  - c) Uluhlu lweerhafu okuthutha amanzi oluqhutywa yifomula.



(2) Indlela yokubala:

- f) Apho iipropati zingaqhagamshelwanga kwinkqubo yomjelo ohambisa amanzi amdaka edolophu kodwa zingadityaniswa ngokusezingqondweni kwinkonzo uluhlu lweerhafu zokufumaneka luyakumela ukuhlawulwa. Uluhlu lweerhafu luyakulingana noluhlu lweerhafu zeyunithi kumakhaya. Khangela ku (ff) malunga nophuhliso lwabucala.
- g) Intlawulo yeyunithi ngomsebenzisi iyakuhlululwa. Uluhlu lweerhafu luyakubalwa ngolwahlula indleko iyonke ngenani leziza ezisisiseko lilonke. Isiza ezisisiseko kuyakucingwa ukuba sikwi- 1 200m<sup>2</sup>.
- h) Indleko eyongeziweyo nge- 100m<sup>2</sup> iyakuhlululwa ngokwale theyibhuli ilandelayo:

1 – 1 200	Intlawulo esisiseko ne % yokunyuswa njengoko iBhunga livumile.
1 201 – 3 400	Intlawulo esisiseko ne % yokunyusa njengoko iBhunga livumile.
3 401 –10 000	Intlawulo malunga nodidi lwe- 1201 – 3 400 ne % yokunyusa njengoko iBhunga livumile.
10 001 – 20 000	Intlawulo malunga nodidi lwama 3 401- 10 000 ne % yokunyusa njengoko iBhunga livumile.
Ngaphezulu kwama- 20 000	Obona bukhulu obusukela phakathi ko- 10 0001 – 20 000

- i) Indleko yokuchitha amatanki olondolozo iyakusekelwa kumthamo osusiweyo kunye nendleko enxulumene nawo.
- j) Amashishini ahlelwa njengamashishini AMANZI ayakuhlulula uluhlu lweerhafu ezisekelwe kwifomula eyalathwe kwiPhepha-ndaba likaRhulumente No 6687 lomhla we-15 eyoMqungu 2010, ebekwe kwiSihlomelo A.

## 12) **UKUBALWA KOLUHLU LWEERHAFU EZINCINANE**

- 10) Lonke uluhlu lweerhafu ezincinane (olu luhlu lweerhafu malunga neenkonzo ezinkulu kunye namancedo ingezizo iinkonzo ezinkulu ekubhekiswa kuzo kumhlathi 3(4) luyakuvuywa libhunga kuhlalo-lwabiwo-mali lonyaka ngamnye, kwaye, luyakufumana inkxaso yeerhafu zeproprati kunye neengeniso jikelele xa kucingwa ukuba kufanelekile libhunga, ingakumbi xa uluhlu lweerhafu luyakubonisa ukungabinaqoqosho xa zihlawuliselwa ukugquma indleko yenkonzo enxulumene noko, okanye xa indleko ingenakumiswa ngokuchanekileyo, okanye xa uluhlu lweerhafu luyilelwe ukulawula kunokuhlululela ukusetyenziswa kwenkonzo ethile okanye izinto eziluncedo.
- 11) Lonke uluhlu oluncinane anolawulo olupheleleyo umasipala kulo, kunye nolungaxulumenanga nendleko yenkonzo ethile ngqo, luyakuhlengahlengiswa ngonyaka ngokungqinelana kunye nenani elibonisa ukunyuka okanye ukuhla kwamaxabiso malunga nenani elimiswe ngaphambili lomsebenzisi elikhoyo, ngaphandle kokuba kukho izizathu ezinyanzelisayo ukuba kutheni olo hlengahlengiso kumele lungaqaliswa:
  - a) Ezi nkonzo zilandelayo ziyakuthathwa njengeenkonzo ezifumana inkxaso, Ukungcwaba kunye namangcwaba
  - b) Imali yengqesho malunga nokusetyenziswa kwamancedo emidlalo kamasipala
  - c) Amadama okuqubha kamasipala
  - d) Izithuthi zikawonke-wonke zikamasipala
- 12) Ezi nkonzo zilandelayo ziyakuthathwa njengeenkonzo zoluNtu, kwaye akukho luhlu lweerhafu luyakurhafiswa malunga nokusetyenziswa kwazo:
  - a) Imuziyam kunye negumbi elibonisa imisebenzi yobugcisa likamasipala
  - b) Ukulahlwa kwenkunkuma yesitiya kwisiza sikamasipala sendawo ekugalelwa kuyo inkunkuma

- c) Ithala leencwadi likamasipala lokukhangela ulwazi
  - d) Ithala leencwadi likamasipala lokubolekisa (ngaphandle kwezohlwayo ezibekwe ngezantsi)
  - e) Isitiya sezityalo nazo zonke ezinye iipaka kunye nezithuba ezivulekileyo zikamasipala.
- 13) Ezi nkonzo zilandelayo ziyakuthathwa njengenkonzo zoqoqosho, kwaye uluhlu lweerhafu ezirhafiswayo luya kugquma i 100% okanye kufutshane kwi- 100% kangangoko leenkciho zokusebenza zonyak ezikuhlahlo-lwabiwo-mali lwenkonzo enxulumene noko:
- a) Ukugcinwa kwamangcwaba nezitya zezikhumbuzo (ukutshisa isidumbu)
  - b) Ukuqeshisa ngendawo yokuhlala
  - c) Ukuqeshisa malunga nokusetyenziswa kwamaholo kamasipala kunye nezinye izakhiwo nomhlaba wazo (ngokuxhomekeke kunciphiso olubekwe ngezantsi)
  - d) Imirhumo yamayilo ezakhiwo
  - e) Ukuthengiswa kweengxowa zenkunkuma zeplastiki
  - f) Ukuthengiswa kweenkonkxa zenkunkuma
  - g) Ukucocwa kweziza
  - h) Imirhumo yoqhagamshelo olutsha loMbane, amanzi kunye nothungelwano lwemijelo phantsi komhlaba
  - i) Ukuthengiswa kwemfuyo kunye nezityalo
  - j) likopi ezifotwe ngomatshini wokukhuphela kunye nemirhumo
  - k) Iziqinisekiso zokucoceka malunga neenjongo zotshintshelo lwepropati
  - l) Imirhumo yocwangciso lwedolophu.
- 14) Ezi ntlawulo zilandelayo kunye noluhlu lweerhafu ziyakuthathwa njengezilawulayo okanye njengokohlwaya:
- a) Izohlwayo malunga neencwadi zethala lencwadi ezilahlekileyo okanye ekudala zilindelwe;
  - b) Imirhumo yezalathiso zokwazisa;
  - c) Imirhumo yasesikiti;
  - d) Imirhumo yokwahlukaniswa kunye nokuqhagamshelwa kombane, namanzi;
  - e) Isohlwayo kanye nezinye iintlawulo ezibekwayo ngokomgaqo-nkqubo ovunyiweyo kulawulo lwamatyala kunye nokuqokelelwa kwamatyala;
  - f) Iintlawulo zesohlwayo malunga nokungeniswa kweetsheki ezingafanelekanga ezindala, ezibhalwe umhla ozayo okanye ezingamkelekanga;
  - g) Umjelo ovela efektri ohambisa amanzi amdaka eshishini;
  - h) Lonke uluhlu lweerhafu njengoko luvunyiwe ngokwenkqubo yokunceda kwimbalela.
- 15) Imali yengqesho enxulumene namarike iyakurhafiswa malunga nokuqesha iipropati zikamasipala:
- a) Kwimeko yemali yengqesho malunga nokusetyenziswa kwamaholo kunye nezakhiwo nomhlaba kamasipala, ukuba umphathi kamasipala wanelisekile kukuba amaholo nezakhiwo nomhlaba wazo ayafuneka malunga neenjongo zokungenzi ngeniso kunye namalunga nobonelelo lwenkonzo kuluNtu, umphathi kamasipala angavumela isaphulelo sama- 50% kwimali yengqesho ebiyakusebenza.
  - b) Umphathi kamasipala uyakumisa ukuba imbuyekezo okanye isiqinisekiso kumele singeniswe kwixesha ngalinye malunga nokuqeshwa kwamaholo, izakhiwo kunye nomhlaba kunye namabala emidlalo kamasipala kwaye kukumisa okulolo hlobo uyakukhokelwa mhlawumbi kukuthwala umonakalo kukamasipala ngenxa yokusetyenziswa kwamancedo anxulumene noko.
- 16) Ulwakhiwo loluhlu lweerhafu:
- a) Iyunithi yomlinganiselo njengoko ibonakaliswe kuluhlu lweerhafu olwahlukileyo oluvunywa ngonyaka iyakusetyenziswa ukumisa iinkonzo zoluNtu ezilawulwayo kunye nezifumana inkxaso.

17) Indlela yokubala:

- a) Olu luhlu lweerhafu luyakuhlenga-hlengiswa ngonyaka ngokunyusa uluhlu lweerhafu obelusebenza ngexesha lonyaka-mali wangaphambili ngonyuso lwepersenti njengoko kuyakumiswa sisininzi sooceba abakhoyo entlanganisweni apho uhlahlo-lwabiwo-mali luvunyiweyo.

18) Isixa ekudala silindelwe:

- a) UMasipala uyakuba nelungelo lokurhafisa umrhumo wolawulo ngesiseko senyanga nenyanga kuwo onke amatyala ekudala elindelwe ukuba ahlawulwe ngokuxhomekeke kwisixa esisesona sininzi ngenyanga njengoko lbhunga lingamisa.
- b) UMasipala angangena kuludwe kwenkqubo lokuhlawula kwakhona nomsebenzisi malunga nezixa ekudala zilindelwe ngokwengqiqo yakhe, ludwe lenkqubo lokuhlawula kwakhona luyakubandakanywa kukuvunywa kwetyala ukunceda umasipala kwaye lusayinwe ngumsebenzisi. Ekusayinweni kwesivumo setyala elilolo hlobo, umsebenzisi uyakuba nemfanelo yentlawulo yomrhumo wokulawula kweso sixa lbhunga lingasimisa malunga nokuqwalasela komntu onetyala kunye nokungena kulwamkelo lwetyala kunye nomsebenzisi.

### 13) **IMINIKELO YENKUNZI**

- (a) Ngeenjongo zolu luhlu lweerhafu zamazwi kunye neentetho ezikhankanywe ngezantsi aya kuba nezi ntsingiselo zilandelayo ezinikezelwe kuwo ngaphandle kokuba imeko ifuna ngenye indlela:
  - e) "**Iminikelo yenkunzi**", uluhlu lweerhafu ezimele ukuhlawulwa malunga namanzi, umbane, uthungelwano lwemijelo phantsi komhlaba, amanzi esiphango, iindlela kunye nokususwa kwenkunkuma iziseko ezingundoqo zikamasipala zixa ezo zingaquki zixa zimele ukuhlawulwa zeendleko zokusebenza kunye nokugcina ezo ziseko zingundoqo zilolo hlobo;
  - f) "**Isiza esilinganayo**", malunga nee –
    - (i) **nkonzo zamanzi kunye nezothungelwano lwemijelo phantsi komhlaba**, ipropati apho iavareji ethathwa njengenyaniso yosebenziso lwamanzi lweemihla ngemihla njengoko kumisiwe nguMongameli kaMasipala waseGeorge: linkonzo zobuNjineli boLwakhiwo ngokungqinelana kunye nefomula yakhe yomgangatho ayidlulanga kwi- 1000l/ngosuku;
    - (ii) **Umbane**, ipropati enamandla oyilo athathwa njengenyaniso e- 10kVA phambi kokungafani njengoko kumisiwe nguMongameli kaMasipala waseGeorge: linkonzo zoMbane nobuGcisa ngokungqinelana kunye nefomula yakhe yomgangatho, ngokuxhomekeke kuyo ukuba (a) unikezelo ekhaya olunamanqanaba ama- 3 luyakulingana neziza ezi- 2 ezilinganayo (oku kukuthi 20kVA); (b) unikezelo kwishishini olunamanqanaba ama- 3 luya kulingana neziza ezilinganayo ezi-3 (oku kukuthi 30 kVA); kwaye (c) naziphina ezinye iimeko ziyakumiswa nguMongameli kaMasipala weseGeorge: linkonzo zoMbane-buGcisa ngesiseko sento elungileyo kunye nesezingqondweni; kwaye
    - (iii) **Ukususwa kwenkunkuma eqinileyo**, ipropati eyenza inkunkuma eqinileyo ethathwe njengenyaniso ukuba ilingana neyunithi yokuhlala enamagumbi okulala amathathu ebalwa ngokungqinelana kunye noMongameli kaMasipala waseGeorge: Ifomula yomgangatho wokusingqongileyo ngamanye amaxesha;

- g) **"utshintshelo"**, utshintshelo lwepropati enxulumene noko ngokoMthetho weeNdawo ekugcinwa kuzo iirejista zeNcwadi yesigqibo wama- 47 ka- 1937 okanye naluphina utshintshelo lobumnini olufanayo.
- 12) Iminikelo yenkunzi imele ukuhlawulwa ukongeza kuzo naziphina iintlawulo zeenkondo, iintlawulo zokusebenzisa, iintlawulo zokufumaneka kunye nemirhumo yoqhangamshelo.
- 13) Iminikelo yenkunzi ebonelelwayo kolu luhlu lweerhafu ingabekwa nguye nawuphina umntu okanye igunya xa kunikezelwa ngalo naluphina ugunyaziso, ukukhululwa okanye isicelo esicingwe kwiCandelo lama-42 loMthetho wokuCwangciswa kokuSetyenziswa koMhlaba, ka-1985 (uMthetho waseNtshona-Kapa we-15 ka- 1985) okanye ngokwawo nawuphina omnye umthetho ongasebenza: ukuba olu luhlu lweerhafu aluyi kulinganisela okanye luthintele imiqathango engabekwa ngumntu ololo hlobo okanye igunya kwaye umntu okanye igunya liyakukhululeka ukubeka eminye iminikelo yenkunzi elolo hlobo njengoko liyakucinga kuyimfuneko okanye lunceda phantsi kweemeko.
- 14) Yonke iminikelo yenkunzi iyahlenga-hlengiswa ngonyaka kwaye iya kuhlawulwa ze imele ukuhlawulwa kuluhlu lweerhafu ezihlaziyiweyo olusebenza ngexesha lotshintshelo lwesiza okanye lwepropati enxulumene noko okanye ukuvunywa kwamayilo esakhiwo malunga nesiza okanye ipropati elolo hlobo, nayiphina eyenzeke kuqala: Ukuba xa inani leziza, iyunithi zokuhlala, iziza ezilinganayo okanye ezinye iziseko apho iminikelo yenkunzi ibisekelwe kuzo ngaphambili, unyuso, iminikelo yenkunzi eyongeziweyo iya kumela ukuhlawulwa ibalwe ngokungqinelana kunye noluhlu lweerhafu obelukho ngoko xa iinguqu ezilolo hlobo bezisenzeka okanye amayilo ezakhiwo ebevunywa, ngokwemeko ekhoyo , nayiphina eza kuqala.
- 15) Ukuba ubukhulu bomgangatho wesakhiwo esikhoyo buyandiswa okanye ukuba amayilo ezakhiwo avunyiweyo ayatshintshwa okanye ukuba ukusetyenziswa kwaso nasiphina isakhiwo okukhoyo okanye okuvunyiweyo kuyatshintshwa okanye ukuba izakhiwo ezintsha ziyamiswa, okanye ukunikezelwa kombane kuyandiswa, njengoko imeko iyakuma, umnini uya kuba noxanduva lwentlawulo yeminikelo yenkunzi malunga nezandiso ezilolo hlobo, izongezo okanye iinguqu, njengoko imeko iyakuma, ngokungqinelana kunye noluhlu lweerhafu ezisebenzayo ngamanye amaxesha, iminikelo yenkunzi leyo iya kumela ukuhlawulwa kwakuvunywa amayilo ezakhiwo malunga nezandiso ezilolo hlobo okanye izongezo okanye isenzo senguqu elolo hlobo, njengoko imeko iyakuma.
- 16) Ukuba nayiphina iminikelo yenkunzi ibihlawulwe kwakuvunywa amayilo ezakhiwo okanye ngalo naluphina ixesha phambi kotshintshelo lwepropati kwaye naziphina iinguqu njengoko kucingiwe kwimihlathi d) kunye no e) ziyenzeka ngokulandelelanayo, amalungiselelo emihlathi u d) kunye no e) ayakusebenza ngokwenziwa kwezilungiso eziyimfuneko ngelixa kungachathazelwa *inqaku eliphambili ekumisweni kweminikelo yenkunzi eyongeziweyo emele ukuhlawulwa.*
- 17) Iminikelo yenkunzi yeendlela kunye nokususwa kwenkunkuma eqinileyo iya kubalwa nokungqinelana kunye nefomula yomgangatho esebenzayo kaMongameli kaMasipala waseGeorge: linkonzo zobuNjineli boLwakhiwo kunye noMongameli: linkonzo zokuSingqongileyo.
- 18) Ngobukhulu bokuba isixokelelwano semibhobho yamanzi esiphango asilungiselelwanga kwifomula yomgangatho ekubhekiswe kuyo kumhlathi (g) ngentla malunga neendlela okanye ukuba, ngokoluvo lukaMongameli kaMasipala waseGeorge: linkonzo zobuNjineli boLwakhiwo, kuya kufaneleka ngaphezulu ukuba iminikelo yenkunzi malunga nesixokelelwano semibhobho yamanzi esiphango iyakulingana neendleko ngqo zesiseko esingundoqo sesixokelelwano samanzi esiphango esibonelelweyo okanye esiyakubonelelwa.

- 19) Iminikelo yenkunzi iya kumela ukuhlawulwa ngumnini obhalisiweyo wepropati enxulumene noko ngexesha apho iminikelo ilindelwe kwaye imele ukuhlawulwa, eya kuba semva kotshintshelo okanye ukuvunywa kwamayilo ezakhiwo, nayiphina eya kusebenza, ngaphandle kokuba nayiphina imiqathango yemvume ibonelela ngenye indlela.
- 20) Iminikelo yenkunzi elungiselweyo kolu luhlu lweerhafu iya kumela ukuhlawulwa ngaphandle kokuba indawo yentlawulo yesixa esilolo hlobo ithathwa ngumqathango obekwe ngokweCandelo lama- 42 loMthetho wokuCwangcisa ukusetyenziswa koMhlaba, ka-1985 (uMthetho waseNtshona Kapa we- 15 ka- 1985) okanye naluphina olunye uwiso-mthetho olungasebenza.
- 21) La malungiselelo aguqukayo aya kusebenza malunga nolu luhlu lweerhafu:
  - a) Ukuba nawaphina amayilo ezakhiwo angenisiwe malunga nokuvunywa ngokoMthetho weMimiselo yeZakhiwo yeSizwe kunye neMigangatho yeZakhiwo, ka-1977 (Umthetho no 103 ka- 1977) ngomhla okanye phambi komhla wama- 30 eyeSilimela 2006 kwaye loo mvume inikezelwe emva kwama- 30 eyeSilimela 2006, iminikelo yenkunzi esebenzayo ngama- 30<sup>th</sup> eyeSilimela 2006 iya kusebenza, ngokuxhomekeke kumhlathi (iv).
  - b) Ukuba isicelo sesiqinisekiso (ekubhekiswa kuso ngokubanzi njengesiqinisekiso sokucoeka kwiirhafu) njengoko kucingiwe kwiCandelo le-118 likaRhulumente waseKhaya: uMthetho weNkqubo zikaMasipala, ka-2000 (uMthetho no 32 ka-2000) senziwe ngomhla okanye phambi kwama- 30<sup>th</sup> eyeSilimela 2006 kwaye eso siqinisekiso sikhutshwe emva kwama- 30<sup>th</sup> eyeSilimela 2006, iminikelo yenkunzi esebenzayo ngama- 30<sup>th</sup> eyeSilimela 2006 iya kusebenza, ngokuxhomekeke kumhlathana wesi- (iv), malunga nalo naluphina uluhlu lweerhafu ezimele ukuhlawulwa phambi kotshintshelo lwepropati enxulumene noko.
  - c) Ukuba ukuvunywa kwawo nawaphina amayilo ezakhiwo ngokoMgaqo weZakhiwo weSizwe kunye noMthetho weMigangatho yeZakhiwo, ka-1977 (uMthetho no 103 ka- 1977), kuyaphelelwa emva kwama- 30<sup>th</sup> eyeSilimela 2006 ngaphandle kokuba kwandiswe, iminikelo yenkunzi esebenzayo ngelo xesha lako nakuphina ukuvunywa okulandelayo kwamayilo ezakhiwo malunga nepropati enxulumene noko, iya kusebenza ngokuxhomekeke kumhlathi wesi- (iv).
  - d) Ukuba naluphina ugunyaziso, ukukhululwa okanye isicelo esicingwe kwiCandelo lama-42 loMthetho wokuCwangciswa kokuSetyenziswa koMhlaba, ka-1985 (uMthetho waseNtshona-Kapa we- 15 ka- 1985) okanye ngokwalo naluphina uwiso-mthetho olungasebenza, olunganikezelwa ngomhla okanye phambi kwama- 30<sup>th</sup> eyeSilimela 2006 aluyilungiselelanga intlawulo yalo naluphina uluhlu lweerhafu okanye izixa malunga nazo naziphina iziseko ezingundoqo ezithile ezibonelelwe kolu luhlu lweerhafu, umnini obhalisiweyo akayi kuba nemfanelo yentlawulo yeminikelo yenkunzi ngenxa yolu luhlu lweerhafu, umnini obhalisiweyo ebengayi kuba namfanelo yawo ngenye indlela: Ukuba xa naziphina ezinye iinguqu njengoko kucingiwe kumhlathi (e), zenzeka ngokulandelelanayo amalungiselelo emihlathana (d) kunye no (e) aya kusebenza *ngokuthi kwenziwe izilungiso* eziyimfuneko ngelixa zingachaphazeli inqaku eliphambili ekumiseni iminikelo yenkunzi ekumele ihlawulwe.

14) **UKWAZISWA KOLUHLU LWEERHAFU, IMIRHUMO KUNYE NEENTLAWULO ZEENKONZO**

- 3) Uluhlu lweerhafu luyakuvunywa njengenxenye yohlahlo-lwabiwo-mali lonyaka.
- 4) Uluhlu lweerhafu luyakuqala ukusebenza xa, kunye nanjengoko lbhunga liyakumisa.

15) **UKULUNGISWA KWAMATYALA**

Apho ukubhalwa njengetyala ngokuphosisekileyo kuphakanyisiweyo, amatyala afakwe phantsi kombuzo ayakulungiswa njengoko kuyimfuneko

16) **IIMFUNeko ZOMTHETHO**

1) **UMTHETHO WEENKONZO ZAMANZI NO. 108 KA- 1997**

a) **ICANDELO LE-10 : IZITHETHE KUNYE NEMIGANGATHO YOLUHLU LWEERHAFU**  
UMasipala, kumandla akhe njengeziko leenkono zamanzi, kumele asebenzise uluhlu lweerhafu malunga neenkono zamanzi angahlukanga kakhulu kuzo naziphina izithethe kunye nemigangatho emiswe ngokoMthetho okhoyo nguMphathiswa weMicumbi yaManzi kunye naMahlathi, ngemvumelwano noMphathiswa wezeMali.

b) **ICANDELO LAMA-21: IMITHETHO KAMASIPALA**  
UMasipala, kwisikhundla sakhe njengesiphathamandla seenkonzo zamanzi, kumele enze imithetho kamasipala equlethe imiqathango yonikezelo lweenkonzo zamanzi, kunye nelungiselela ezi zinti zilandelayo ubuncinane (phakathi kwezinye izinto):

- (a) umgangatho weenkono;
- (b) imiqathango yobuchule bokunikezela, kuquka imigangatho yobulunga, iiyunithi okanye imigangatho yokulinganisa, ukuqinisekiswa kwezixhobo zokulinganisa amanzi ,imilinganiselo eyamkelekileyo yesiphoso kunye neenkqubo zokulamla impikiswano enxulumene nokulinganiswa kweenkonzo zamanzi anikezelweyo;
- (c) ukumiswa kunye nolwakiwo loluhlu lweerhafu ngokungqinelana neCandelo le-10 loMthetho okhoyo.

Ukuba umasipala, kwisikhundla sakhe njengesiphathamandla seenkonzo zamanzi, ubeke imiqathango ekunikezelwa iinkono zamanzi phantsi kwayo, loo miqathango kumele ifikelele kubasebenzisi kunye nakubasebenzisi abanokubakho.

Ukuba umasipala, kwisikhundla sakhe njengesiphathamandla seenkonzo zamanzi, unikezela ngamanzi okusetyenziswa ngamashishini, okanye ulawula inkqubo apho umjelo ovela efektri ohambisa amanzi amdaka ulahlela khona, kumele enze imithetho kamasipala ebonelela phakathi kwezinye izinto okulandelayo ubuncinane:

- (4) imigangatho yenkonzo;
- (5) imiqathango yobuchule yonikezelo kunye nokulahla;
- (6) ukumisa kunye nolwakiwo loluhlu lweerhafu.

**Isihlomelo A  
INTLAWULO ZAMASHISHINI ZOMJELO OVELA EFEKTRI  
OHAMBISA AMANZI AMDAKA**

lintlawulo malunga nomjelo ovela efektri ohambisa amanzi amdaka ngekilolitha malunga nokulahlwa kwamanzi amdaka ongayithobeliyo imigangatho yamanzi amdaka endawo yokuhlala kunye nengaquka amanzi amdaka akhululelwa kwinkqubo yamanzi esiphango iyakumiswa ngokungqinelana kunye nale fomula ilandelayo:

$$T_c = X + Y(COD_t/COD_w) + Z + Isohlwayo$$

- Apho  $T_c$  = indleko yonyango engaqhelekanga kumsebenzisi nge kl
- $X$  = indleko yokuthutha nge- kl
- =  $C_c / V_A$
- Ukuthutha = Ukuthuthwa kwamanzi amdaka okanye naluphina ulwelo olulahlwayo kuthungelwano lomjelo ophantsi

komhlaba ohambisa amanzi amdaka edolophu osisambuku okanye wangaphandle ukusuka kwindawo yokukhulula ukuya kumjelo ongenisayo wemisebenzi yokunyanga

$C_C$	=	Inkcitho yokusebenza kunye nokugcina yothutho lwamanzi alahlwayo kwi kl ngomnyakomnye
$V_A$	=	Umthamo olungisiweyo ( umthamo olungisiweyo uthetha wonke umthamo olungisiweyo malunga nokungenisa) kwi kl ngonyaka
$Y$	=	lindleko zonyango eziguququkayo nge kl
	=	$C_T / V_A$
Eziguququkayo = lindleko zokuNyanga	=	Ezi ndleko zichazwa njengencitho eguququka ngokubalulekileyo ngomthamo kunye nomthwalo weCOD
$C_T$	=	Inkcitho yokusebenza kunye nokugcina yonyango lwamanzi alahlwayo kwi kl ngonyaka
$V_A$	=	Umthamo olungisiweyo (Umthamo olungisiweyo uthetha wonke umthamo olungisiweyo malunga nokungenisa) kwi kl ngonyaka
$COD_i$	=	I-averaji ngeshishini ngalinye, kuquka zombini iziqephu ezinokuboliswa ziintsholongwane nezingenakuboliswa zeCOD
$COD_w$	=	I-averaji yemisebenzi (ebinobunzima obungaphezulu kwemisebenzi eminye), kuquka zombini iziqephu ezinokuboliswa ziintsholongwane nezingenakuboliswa ze COD
$Z$	=	lindleko ezizinzileyo nge kl
	=	$C_F / V_A$
lindleko ezizinzileyo	=	Ezi ndleko zichazwa njengencitho engaguququkiyo ngokubalulekileyo ngexesha lonyaka-mali othile ezingachatshazelwayo ngumthwalo we COD
$C_F$	=	Inkcitho yendleko ezizinzileyo yonyango lwamanzi alahlwayo kwi kl ngonyaka
$V_A$	=	Umthamo olungisiweyo (umthamo olungisiweyo uthetha wonke umthamo olungisiweyo malunga nokungenisa) kwi kl ngonyaka
Isohlwayo	=	Isohlwayo nge kl ukongeza kwintlawulo yamanzi amdaka avela efektri esekelwe kumthamo kunye ne COD, malunga namanzi amdaka avela efektri athintelweyo umzekelo apho iCOD <sub>i</sub> yamanzi amdaka avela efektri idlulile kuma- 3000 mg/L okanye apho nabuphina obunye ubuninzi obungatshintshiyo kwimeko ethile kodwa bungafani kwezinye iimeko bomgangatho budlulile kwelona xabiso likhulu livumelekileyo ngokweSihlomelo A soMthetho wedolophu, njengoko buqulethiwe kwimvume yeshishini

$$\begin{aligned}
 &= P \times (\text{ixabiso elilinganisilweyo/elona likhulu} \\
 &\text{livumelekileyo) Ukuba ixabiso elilinganisilweyo} \\
 &\text{liphantsi kwexabiso elilelona likhulu } P = 0, \text{ ngaphandle} \\
 &\text{kwakwimeko ye pH apho } u P = 0 \text{ ukuba } \text{upH} \\
 &\text{uphakathi kwesi- 6 kunye ne- 10 ze isohlwayo} = P \times \\
 &(\text{ixabiso elilinganisilweyo /10) ukuba i pH ingaphezulu} \\
 &\text{kwe- 10 kwaye} \\
 &= x\{[6+(6- \text{ixabiso elilinganisilweyo})]/6\} \text{ ukuba} \\
 &\text{lingaphantsi kwesi- 6} \\
 P &= \text{intlawulo yesohlwayo seyuniti njengoko kumisiwe} \\
 &\text{liBhunga}
 \end{aligned}$$

**QAPHELA: Isohlwayo esongeziweyo (P) simele ukuhlawulwa ngokungathobeli ngakunye, kwaye siyakwanda nge 0.5 ngokungathobeli.**